# UYILO LWESIFUNDO

IGREYIDI………..…03………………. IYURE NGEMINI…1……….IXESHA LILONKE:
UMHLA EKUQALWA NGAWO………UMHLA EKUGQITYWA NGAWO …INANI LEENTSUKU..
UMXHOLO WESIFUNDO…………. …………….ISIHLOKO SESIFUNDO ………………………….

| ISIPHUMO SESIFUNDO NEMIGANGATHO YOKUHLOLA | IMISEBENZI YOKUFUNDA NOKUFUNDISA | INKQUBO YOKUHLOLA | IZITHINTELO ZOKUFUNDA |
|---|---|---|---|
| PF 4 :UKUBHALA<br>GH 1:Bhala ngokufundelayo ngo:<br>• Kubhala ngokufundela okukhulu nangesantya ngokuziqhelanisa,<br>• Kugqiba umsebenzi ngexesha omiselwe wona.<br>GH 2:Sebenzisa ubuchule phambi bokuqalisa ukubhala ngo:<br>• Kusebenzisa ubuchule bokweandulela ukubhala obahlukeneyo ekufuneni ulwazi aze akhethe isihloko (umz:ukungqubanisa iintloko ,ubhalo | UMSEBENZI<br>Abafundi banikwa isihloko baze baqokelele iingcinga ngaso ukuze babe nakho ukubhala ngeso sihloko banike izimvo ngaso,ngokwamaqela.Banika ingxelo yeqela ngalinye baze baqokelele izimvo ezivela kwamnye amaqela.<br>.umz:imisebenzi yasekhaya okanye ucoceko.<br><br>UMSEBENZI<br>Abafundi babhala imihlathi emibini malunga nezimvo abazixoxe nezivela kwamanye amaqela,kuqatshelwa ukwakhiwa | IINTLOBO ZOHLOLO<br>-Utitshala<br><br>IZIXHOBO ZOHLOLO<br>-itshekilisti<br>-irubriki<br><br>UMSEBENZI WOHLOLO<br>-okubhalwayo | |

| | | | |
|---|---|---|---|
| olukhululekileyo,ukuthetha nabalingne ,imifanekiso ebonwayo),<br>• Kuqalisa ukuqulunqa ukubhala<br><br>UNXULUMANISA KWESISIFUNDO<br>PF 2:UKUTHETHA<br>GH 5:Thatha inxanxeba kwingxoxo yeklasi neyeqela ngo:<br>• kuqalisa isihloko kwingxoxo yeqela ,<br>• kunikana amathuba ,nokubuza imibuzo esemxholwe<br>PF 6: UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI.<br>GH 1:Nxulumanisa izandi koonobumba namagama ngo:<br>• Kusebenzisa izandi ,nokupelo amagama anzinyana.<br>GH 2:Sebenza ngamagama ngo:<br>• Kusebenzisa eminye imithetho yopelo ukupela amagama ,<br>• Kusebenzi iintlobo zemithombo ukukhangela | koonobumba abakhulu nabancinci ngokukuko nopelo magama.Abafundi bashwankathela ingxoxo leyo baze baphume nesihloko esinye.<br><br>UMSEBENZI WOHLOLO 02<br>Abafundi banikwa imihlathi emibini okanye utitshala ubhala ebhodi imihlathi emibini baze bayikhuphele ukuze bayigqibe ngexesha elisikiweyo.<br><br>UMSEBENZI<br>Utitshala uyahamba-hamba ephonononga oko kubhaliweyo ngabafundi,ebalungisa.<br><br>UMSEBENZI<br>Abafundi bafunda imihlathi nganye okanye ngamaqela bayive baze baphundule nemibuzo ngayo.<br><br>UMSEBENZI<br>Utitshala ukhetha amagama angaqhelekanga kule mihlathi.Awabhale konotsheluza okanye etshati.Abafundi | | |

| | | | |
|---|---|---|---|
| upelo,<br>• Kusebenzisa izimaphambili nezimamva ukwakha amagama,<br>• Kuchonga izichazi nezifanokuthi.<br>GH 4:Sebenza ngezicatshulwa ngo:<br>• Kudibanisa izivakalisi ukwenza imihlathi aze agcine ukungaguqu-guquki ekusetyenzisweni kwexesha.<br><br>PF 5:UKUCINGA NOKUQIQA<br>GH 2:Sebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni ngo:<br>• Kuqonda nokusebenzisa ulwimi ekuqiqeni nakwingqiqo ,,umz:kwintsusa nesiphumo,kwenzeni izigqibo.<br>KWEZINYE IZIFUNDO.<br>IMATHEMATIKA<br>PF 1:AMANANI ,UKUBALA NOLWALAMANO<br>GH 3:Azi,ukufunda nokubhala imiqondiso yamanani namagama ukusuka kwisi-1 ukuya kutsho kwi1000 ubuncinane. | bayawafunda amagama beqaphela izandi umz:ngcw,ngqw,ndyw,ntlw, njl.,njl.<br><br>UMSEBENZI<br>Abafundi bakha awabo amagama besebenzisa ezi zandi. | | |

